Isalathiso: 20160115-6575
3/1/1/1/1/5
Imibuzo: N Ncede

ISetyhula: 0005/2016
Umhla wokuphelelwa: 31 Matshi 2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG,* kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela-Balawuli kwii-ofisi zezithili, nakwiiNtloko zezikolo eziziipriprayimari nezezikolo ezizimeleyo ze-*ECD* nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezineeklasi zamaBakala R

Isishwankathelo esifutshane: *Ingcaciso yabo bonke abathathi-nxaxheba emalunga neenkqubo ezichaphazelekayo zokwenza izicelo zenkxaso-mali yoPhuhliso lweMfundo lwaBantwana aBasaqalayo (early childhood development (ECD)) neminye imiba.*

Isihloko: Iinkxaso-mali zeBakala R neminye imiba enxulumene ne-*ECD* ukulungiselela owe-01 Apreli 2016

1. **UKUFIKELELA KWINGCACISO**

1.1 Iinkcukacha zolwabiwo-mali ngokwemimiselo nemigangatho (*(N&S) allocation*) yolwabiwo-mali yeBakala R kunyaka-mali oqala nge-01 Apreli 2016 ukuya kwi-31 Matshi 2017 ziyafumaneka kwi-*CEMIS* yaye zinokufunyanwa ngale ndela ilandelayo:
Loga kwi-*CEMIS*.
Klikha ku-"*Proceed*".
Yisa ikhesa kwi-ayithem yemenyu "*Administration*" uze uklikhe ku-"*Norms and Standards Allocation*".
Khetha u-"*N&S 2016*"
Liprinte elo phepha.

1.2 Kucelwa uthathele ingqalelo oku kulandelayo:
Izabelo zolwabiwo-mali zibalwe ngokweMimiselo neMigangatho i-*National Norms and Standards for Grade R Funding*, efakelwe izilungiso kwi-Gazethi kaRhulumente No 29179 ye-31 Agasti 2006.

Ileta yesabelo senkxaso-mali ibandakanya iinkcukacha zesabelo esiqikelelweyo ukulungiselela unyaka-mali ka-2016/17, kwakunye nezabelo zethutyana (*provisional allocations)* zoonyaka-mali ababini abalandelelanayo o.k.t. u-2017/18 no-2018/19.
Zonke izabelo zabalwa ngokwamanani obhaliso lwabafundi kwi*CEMIS* njengoko ayenjalo nge-31Julayi 2015.

2. UKUBALWA KWESABELO SENKXASO-MALI YEBAKALA R

2.1 Kuvunyiwe ukuhlawulwa kwezi nkxaso-mali zilandelayo zabafundi abakwiiklasi zeBakala R ezivunyiweyo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nabakumaziko abhalisiweyo e-*ECD* nakumaziko azimeleyo ukususela nge-01 Apreli 2016:

2.1.1 Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (zonke izikolo ezilawulwa ngurhulumente ezifundisa iBakala R):
Inkxaso-mali ngomfundi ngamnye (*Per capita subsidy*):

I-*National Quintile* (NQ)	**Imeko yeefizi yeziko**	**Isixa esihlawulwa ngomfundi ngamnye ngosuku**
NQ1	Elingabizi zifizi	R 24
NQ2	Elingabizi zifizi	R 24
NQ3	Elingabizi zifizi	R 24
NQ4	Elingabizi zifizi	R 24
NQ5	Elingabizi zifizi	R 24
NQ4	Elibiza iifizi zesikolo	R 18
NQ5	Elibiza iifizi zesikolo	R 17

Isixa sesabelo-mali se-*LTSM*:
Kwizikolo ezingabizi zifizi, isixa esiyi-R2 000 ngenyanga sihlawulwa qho ngenyanga ngeklasi nganye efundiswa ngutitshala ohlawulwa liSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*).

Esona sixa sesabelo-mali sisezantsi:
Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinabafundi abangaphantsi kwabayi-25 zinelungelo lokufumana inkxaso-mali eyeyona isezantsi eyi-R112 320 ngonyaka.

2.1.2 Izikolo eziziipriprayimari zikarhulumente:
Isikolo ngasinye esiyipriprayimari karhulumente siya kufumana isabelo-mali semimiselo nemigangatho esiyi-R17 ngomfundi ngamnye ngosuku.

2.1.3 Amaziko azimeleyo (zonke izikolo ezilawulwa ngamaqumrhu abucala ezifundisa iBakala R):
Inkxaso-mali ngomfundi ngamnye *(Per capita subsidy*):

I-*National Quintile* (NQ)	**Imeko yeefizi yeziko**	**Isixa esihlawulwa ngomfundi ngamnye ngosuku**
NQ1	Elingabizi zifizi	R 24
NQ2	Elingabizi zifizi	R 24
NQ3	Elingabizi zifizi	R 24
NQ4	Elingabizi zifizi	R 24
NQ5	Elingabizi zifizi	R 24
NQ4	Elibiza iifizi zesikolo	R 18
NQ5	Elibiza iifizi zesikolo	R 17

2.2 Bonke abafundi beBakala R mababhaliswe kwi*CEMIS* ukwenzela ukuba bafaneleke kwinkxaso-mali.

3. **ISHEDYULI YENTLAWULO**

Inani leentsuku zesikolo ezivunyiweyo ngonyaka wezifundo ngamnye liya kusetyenziswa ekubaleni inkxaso-mali, yaye yi-50% yesabelo senkxaso-mali eya kuhlawulwa njengesixa sesavenge sika-Apreli size isixa esiseleyo esiyi-50% sihlawulwe njengesixa sesavenge sika-Oktobha.
Isixa sesavenge sika-Apreli = IKota yeSikolo 2 no-3 kunyaka wesikolo ka-2016
Isixa sesavenge sika-Oktobha = IKota 4 yonyaka wesikolo ka-2016 neKota 1 yonyaka wesikolo ka-2017

Inkqubo entsha yokusetyenziswa kwekhompyutha (*automated process)* yezicelo zamabango enkxaso-mali yeBakala R kusetyenziswa i-*CEMIS,* iya kuqaliswa kunyaka wesikolo ka-2016 ize iphunyezwe ukususela kunyaka-mali ka-2016/17. Le nkqubo yokusetyenziswa kwekhompyutha iya kuwuphucula umgangatho wedatha ngokuzithatha (*extracting)*, ukuzifaka *(capturing*) nangokuzingqinisisa (*verifying)* kwisistim izicelo zenkxaso-mali yeBakala R ezikolweni, kwizithili nakwaNdlunkulu. Oku kuya kutshintsha inkqubo yangoku yamabango enkxaso-mali eyenziwa ngesandla. Imbalelwano engaphezulu ngale nkqubo intsha yokusetyenziswa kwekhompyutha, iya kulandela ngo-2016.

4. IZIKOLO EZINGABIZI ZIFIZI EZIFUNDISA IBAKALA R

Izikolo ezingabizi zifizi ezifumana inkxaso-mali yeBakala R kurhulumente zingangavumeleki ukubiza iifizi zesikolo zabafundi beBakala R (makufundwe uxwebhu *National Financial Management Guidelines in Respect of Schools Offering Grade R Classes, October 2009*, iphepha 4).

Abazali banokucelwa benze igalelo ngokuzithandela *(voluntary contributions*). Ezi ntlawulo azinyanzelekanga yaye mazingaze zisetyenziselwe ukuvalela ngaphandle abafundi abanabazali abangenako ukwenza eli galelo lilolu hlobo.

5. UKUSETYENZISWA KWESABELO SENKXASO-MALI YEBAKALA R

5.1 Umvuzo wepraktishina yeBakala R

Ziyakhunjuzwa izikolo ukuba iipraktishina zeBakala R kuzo zonke izikolo mazifumane isabelo senkxaso-mali epheleleyo eyi-80% nesiya kuhlawulwa kabini ngonyaka ngomatshini (*transferred bi-annually)*.

Amabhunga olawulo ezikolo ze-*NQ* 4 no-*NQ* 5 makawongeze umvuzo wepraktishina yeBakala R ukwenzela ukuba ipraktishina ifumane isixa esingaphezulu kwesona sixa somvuzo sisezantsi se-R7 360 ngenyanga.

Iipraktishina zeBakala R kwizikolo ezingabizi zifizi zinelungelo lesixa esipheleleyo esiyi-80% senkxaso-mali.

5.2 Izibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa (*LTSM):*

Yi-10% yenkxaso-mali eyabelwa i-*Learning and Teaching Support Material (LTSM*) kubandakanywa i*LTSM* esetyenziswa ngaphakathi eklasini nesetyenziswa ngaphandle, elungiselelwe abafundi beBakala R.

5.3 Iindleko zokwenza umsebenzi:

Enye i-10% yenkxaso-mali yabelwa ukuhlawula ii-akhawunti zeenkonzo (*utility accounts*) zeziko ezifana neentlawulo zeefoni, ii-akhawunti zamanzi nezombane, izinto zokufotokopa nokuprinta, nezinto zokucoca nokulondoloza iklasi (iiklasi) zeBakala R, nazo naziphi ezinye iinkonzo ezifunwa yipraktishina yeBakala R.

6. IIMFUNO ZOKUNIKA INGXELO

Makulandelwe iimfuno ezimiselweyo zokunika ingxelo eziqhelekileyo njengoko zichaziwe zii-ofisi zezithili, ukuqalisa ukwenza intlawulo yenkxaso-mali elandelayo.

7. **ILETA ZOLWABIWO-MALI LOKUGQIBELA**

Iileta zezabelo zokugqibela (ngokususelwa kumanani obhaliso esaveyi ye*SNAP* (*SNAP survey enrolment*) ziya kupapashwa kwi*CEMIS* ungadlulanga owe-31 Matshi 2016.

8. **IINOMBOLO ZOQHAGAMSHELWANO XA UNEMIBUZO**

Umbandela	**Igama**	**Inombolo yefoni**
Isabelo senkxaso-mali yeBakala R: Imibuzo ngokubanzi	Nks N Ncede Nks M Munnik Mnu S Ruka	021 467 2071 021 467 2196 021 467 2657
Iintlawulo ezenziwe ngoomatshini eziya ezikolweni (Ulwabiwo lwe*N&S)*	Qhagamshelana neSekela leNgcali yeMfundo eyiNtloko elichaphazelekayo kwisithili	

ISAYINWE: NGU- PA VINJEVOLD
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2016-02-03